

## Iintsapho Zokholo



## Sabatha Emva Kwemini

### Fundela Isifundo Sale Veki:

IZenzo 10:1–28, 34, 35; 1 Kor. 2:2; 1 Tes. 5:21, 22; Yohane 1:12, 13; 3:7; 1 Yohane 5:1.

### Indima Yenkumbulo:

“Ngoko oko ke, . . . masithi nathi . . . silubaleke ngomonde ugqatso olubekwe phambi kwethu; sise amehlo ethu kuyo iMbangi noMgqibelelisi wokholo lwethu, uYesu, owathi, ngenxa yovuyo olwabekwa phambi kwakhe, wawunyamezela umnqamlezo, elidelile ihlazo, waza wahlala phantsi ngasekunene kwetrone kaThixo” (Hebhere 12:1, 2).

**A**kunto nokuba ngowuphi umgangatho wobomi esikuwo, okanye oko siphumele kuko okanye sijonge ezantsi endleleni, sikho ngokuchasene nemvelaphi yenkcubeko. Abazali bethu, abantwana bethu, iintsapho zethu, namabandla ethu—konke kube nefuthe lenkcubeko okufumaneka kuyo, kakhulu kunjalo nje. Nangona ezinye iimeko zazinento eziyenzayo, ukuguqulwa kweSabatha iye kwiCawa, kwakungumzekelo onamandla endlela inkcubeko yexesha elo, ngamandla nangokuphum’ ecaleni, yaba nempembelelo ebandleni. Lonke ixesha siqhuba sidlula enkonzweni size sibone umqondiso weenkonzo zeCawa, sinikwa isikhumbuzo esicace kakhulu sendlela amandla enkcubeko anaba afikelele kude ngayo. Iintsapho zobuKristu ziqubisana ngemingeni yenkcubeko ngamaxesha onke. Maxa wambi iimpembelelo zenkcubeko ziyakwazi ukulunga; nangona ngamaxesha amaninzi, phofu, ziba mbi. Iindaba ezinkulu zezithi, amandla egospile asinika ukukhanya, intuthuzelo namandla okulwa nemingeni ethi iziswe yinkcubeko. Kule veki, siza kuqwalasela indlela esingathi ngayo sibe “ziintsapho zokholo,” ngexesha sizama ukuba sibe “ngabangenakusoleka, abangenabuqhinga; (sibe) ngabantwana bakaThixo abangenakubekwa bala esazulwini sesizukulwana esigoso, esigwenxa; (esithi) phakathi kwabo[si]bonakale [si]njengezikhanyiso ehlabathini” (Filipi 2:15).

*\*Funda Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaJuni 15.*

## Bamba Uqinise Oko Kulungileyo

Njengoko igospile izungeza umhlaba, amaKristu ahlngana neenkubeko ezahlukeneyo, ezininzi kuzo zibhekiselele kulwalamano lweentsapho nasempakathini. Omnye wemibuzo emikhulu ngabavangeli bamaKristu ingendlela abafanele ukunxulumana ngayo nemigangatho yeenkubeko ezahlukeneyo ngezinto ezininzi, eziquka ulwalamano losapho abanokufumana lungabonwabisi.

**Funda: IZenzo 10:1–28, 34, 35. Yintoni esinokuyifunda apha ngokudinga kwethu ukoyisa eyethu imiqobo neentyo xa sisebenza nezinye iinkubeko?**

---

Ukufa kukaKristu kwakungenxa yezono zabo bonke abantu, kuyo yonke indawo. Abantu abaninzi abakayazi le nyaniso inkulu. Ukuzisa ezi ndaba ngesimemo sokusabela ngumsebenzi wovangelo othunye amaKristu. Kuba uThixo engenamkhethe, amaKristu abizelwe ukuba apha the bonke abantu ngentlonipho nangembeko, ebanika ithuba lokuzamkela iindaba ezilungileyo ezizezabo nabo.

**Zithini izigqibo awafikelela kuzo amaKristu okuqala ngokubhekiselele ukunikweni kwevangeli kwezinye iinkubeko? Uthini umthetho-siseko esinokuwufumana kwezi ndima? IZenzo 15:19, 20, 28, 29; 1 Kor. 2:2; 1 Tes. 5:21, 22.**

---

Nangona inkubeko nganye ibonisa imeko yokuwa kwabantu abakuyo, iinkubeko zisenako ukuba neenkolo ezihambelana nesiBhalo, nezinokuba luncedo kumsebenzi wegospile. Ixabiso elibekwe phezu kolwalamano elusatsheni nakumphakathi kwiindawo ezininzi zomhlaba ngumzekelo. AmaKristu anokuphakamisa omeleze oko kulungileyo ekugcineni imithetho-siseko yeBhayibhile. Kwangelo xesha linye, inyaniso kaThixo iyekelwe. Imbali yebandla ibonisa kalusizi ukuba ukuyekelela nokuvumela kwiinkubeko kuye kwanesiphumo seenkolo zobuxoki ezixokonyezelweyo ezikumila kwazo kufana nobuKristu benene. USathana ubanga ukuba unguthixo weli hlabathi kwaye ekulungele ngolonwabo ukungenisa isiphithiphithi, kodwa uYesu walihlangula eli hlabathi, kwaye uMoya waKhe ubakhokelela abalandeli baKhe kuyo yonke inyaniso (Yohane 16:13).

**Kungakanani kwinkolo yakho okubunjwe yinkubeko yakho, kukungakanani okuyinyaniso yeBhayibhile? Ungakufunda njani ukwahlula phakathi kwako kokubini? Lungela ukuyixoxa neklasi impendulo yakho.**

## Amandla Enkcubeko Elusatsheni

**“Kuba ndaze yena, ukuze abawisele umthetho abantwana bakhe, nendlu yakhe emva kwakhe, bagcine indlela kaYehova, benze ubulungisa nokusesikweni, ukuze uYehova amenzele uAbraham into ayithethileyo kuye” (Gen. 18:19).**

Nangona zivela zizintlobo ngeentlobo ezahlukeneyo, iintsapho zingamatye esakhiwo somphakathi; ngoko ke, iimpawu ezininzi ezigqamileyo zeenkubeko ezahlukeneyo ziqanyangelwe elusatsheni. Umzekelo, kwenye inkcubeko yakudala kwakubonwa njengomthwalo wendoda ukutya isidumbu sabazali bakhe abafuleyo; kwenye, indoda xa ifuna umtshakazi kwakufuneka izise ikhazi leentloko esele zishwabene zohlanga olulutshaba. Nakule imihla, iingcamango ezibhekiselele ebantwaneni, ukufilisheni, ekuqhawuleni umtshato, emtshatweni, kubazali, njalo njalo, zahluke kakhulu. Njengokuba sisasaza isigidimi sethu kwezi nkcubeko zahlukeneyo, kufuneka sifunde ukwalamana nazo ngeendlela eziya kuthi, nangona zingaziyekeleli iinkolo zethu, zingabangeli iingxaki ezingenamsebenzi. Kwangelo xesha linye, kufuphi ekhaya, kufuneka sizilumkele kakhulu ukuba zeziphi iinkcubeko ezinempembelelo kwiintsapho zethu.

**Zeziphi iindlela eyathi inkcubeko yaba negalelo kubomi bosapho kule mizekelo ilandelayo? Yimithetho-siseko ethini esinokuyifunda kule mizekelo?**

Gen. 16:1–3 \_\_\_\_\_

Gen. 35:1–4 \_\_\_\_\_

Ezra 10 \_\_\_\_\_

1 Kumkani 11:1 \_\_\_\_\_

Akukho namnye kuthi ohlala kwihamte; sonke sineentsapho zethu sinefuthe lenkcubeko esiphila kuyo. Umthwalo wethu singamaKristu kukubakho phakathi kwenkcubeko yethu ngeyona ndlela ilungileyo esinokwenza ngayo, sikugcine oko kuhambelana nenkolo yethu, lo gama sikuphepha, kangangoko, oko kungqubanayo nayo.

**Zintoni kweyakho inkcubeko eziluncedo kubomi bosapho zaye zivumelana neBhayibhile? Zintoni ezingenjalo? Ungayimilisele njani ngeyona ndlela ilungileyo inkolo yakho kwinkcubeko yakho ungaziyekelelanga iinyaniso ezibalulekileyo?**

# Ukuxhasa Iintsapho Ngamaxesha Enguqu

Inguqu iyinto engaphephekiyo, isenzeko esigungqisa iintsapho, nokuba kukweyiphi inkcubeko abaphila phantsi kwayo. Enye inguqu ihambelana nexesha elaziwayo kumjikelezo wobomi. Inguqu ikholisa ukungaziwa, njengokufa, iintlekele, imfazwe, ukugula, ukuhamba kosapho, okanye ukusilela kubizo lomsebenzi. Iintsapho ezininzi zijongana neenguqu zendyebo okanye ezasekuhlaleni kwiindawo zabo nakumazwe abo. Ezinye iinguqu zingqamene ngqo nenkcubeko.

**Apha ngezantsi, kukho imizekelo yeenguqu ezinkulu, nezide zilimaze umoya, abajongana nazo abantu. Yithi usebenzisa ukucingela kwakho, uzibeke kwindawo zabo. Ingaba ezi zinto zaba nagalelo lini kubomi beentsapho zabo? Ingaba yindlela ethini onga unganayo ukuze ukwazi ukuthwala (okanye ukunyamezela)? Zeziphi iindlela owawunokuthi usabele ngokwahlukileyo?**

**UAbraham, uSara, noLote (Gen. 12:1–5)**

---

**Hadasa (Estere 2:7–9)**

---

**UDaniel, uHananiah, uMishael, noAzariah (Daniyeli 1)**

---

Kunye nenguqu kubakho amava okulahlekwa kunye noxinzelelo lokungaqiniseki ngokuba lithini ikamva apha ngaphambili. Kuye kuxhomekeke kwisakhono sosapho sokukwazi ukujongana nenguqu, la mava anokubanyanzela abantu ukuba banyukele kwimigangatho emitsha yokukhula nokuxabisa izinto zomoya, okanye akhokelele kuxinzelelo nexhala. USathana usebenzisa kanye ukuphazamisa okuziswa yinguqu, enethemba lokungenisa intandabuzo nokungathenjwa kukaThixo. Izithembiso zeLizwi likaThixo, izixhobo zosapho nabahlobo, nsiqinisekiso sokuba ubomi babo bebusezandleni zikaThixo, kwawanceda amagorha namagorhakazi okholo ukuba amelane ngempumelelo novukelo olukhulu kakhulu ebomini.

**Kuba kukho othile omaziyo (okanye nokuba lusapho lonke) ojongene nenguqu elimaza umphefumlo, yenza into ngendlela ephathekayo ukunika uncedo nenkuthazo.**

# Ukusinga Kwinkolo Yesizukulwana Sokuqala

**Yintlekele ethini eyabakho kuIsrayeli emva kokuba uYoshuwa neentanga zakhe baya bafa? Abagw. 2:7–13.**

Izifundo zendlela ekuthi izinto ezixabisekileyo neenkolo emibuthweni efana namabandla zidluliselwe ngayo kwizizukulwana ezilandelayo, zibonisa ukuba abaseki banemigangatho epezulu kakhulu yokuzibophelela kwezo nkolo. Yayingabo abaqala ukuzibabaza. Kwizizukulwana, mhlawumbi esinye okanye ezibini, abaninzi balahlwekwa ngumbono wemithetho-siseko eyayiqhuba ezo zinto zixabisekileyo. Banako ukuhamba nje nombutho, kodwa besenza isiqhelo. Kwizizukulwana ezilandelayo, isiqhelo sikhoholisa ukuhamba sibe sisithethe. Imvakalelo yabaseki ayisekho.

**Kuye kuthiwe uThixo akanabo abazukulwana, unabantwana kuphela. Ucinga kuba kuthetha ntoni oku? Bona nakuYohane 1:12, 13; 3:7; 1 Yohane 5:1.**

Indlela eqhelekileyo yokudlulisela imigangatho ephakamileyo kwizizukulwana ezininzi zobuKristu bekusenziwa ngokuthi abadala basuke babaxelele abatsha oko bakukholelwayo. Phofu, ukufunda oko abazali bakhe bakukholelwayo okanye oko kukholelwa libandla asilulo ukhohlo lomntu. Ukuba ngumKristu kungaphezu kokuba yinxalenye yombutho onembali okanye onemfundiso ethile. Ukhohlo lwenene akuyiyo imfuzo, ingeyiyo nento edluliswa ngokwemveli isuka kwesinye isizukulwana isiya kwesinye. Elowo udinga ukumazi ngokwakhe uKristu. Abazali bangenza nje baphele endaweni. Ibandla lilonke, nabazali ngokukodwa, lidinga ukwenza konke elinako ukudala imeko eyakwenza ukuba abantu abatsha bafune ukwenza ukukhetha okulungileyo, kodwa, ekugqibeleni, isizukulwana sisindiswa okanye silahlwe ngenxa yegospile, umntu abe mnye ngexesha.

**UJoe, ephuma ekungakholelweni kubukho bukaThixo, wazimanya nebandla lamaSeventh-day Adventist sele emdala emva kwenguquko enamandla awaba nayo. Waya watshata umfazi ongumAdventist baza banabantwana abambalwa, abaya babakhulisela enkolweni. Ngenye imini, ecinga ngemeko yasemoyeni yabantwana bakhe, wathi, “Owu, ukuba nje abantwana bam bebengaba namava endaba nawo!” Ukuba wawukho apho, wawuya kuthini kuye?**

## Iimbaleki Zenkulungwane Yama-21

KwiBhayibhile eyinkcaza-ntetho yakhe ethandwayo, iThe Message, uEugene Peterson usebenzisa igama “isigidimi” konke apho kuvela khona igama “igospile.” Iindaba ezilungileyo ezingoYesu ngokwenene sisigidimi esidingwa lihlabathi namhlanje. Iintsapho zamaKristu zibizelwa ukuba zisixhamle kunye nokuba zabelane ngaso nokuba kukweyiphi inkcubeko ezihlala kuyo.

**Ungasishwankathela njani “isigidimi” usebenzisa ezi ndima zilandelayo? Mat. 28:5–7; Yohane 3:16; Rom. 1:16, 17; 1 Kor. 2:2; 2 Kor. 5:18–21.**

---

---

Ezona ndaba zasekuqaleni kakhulu ababaleka nazo bezisa kuyo yonke indawo abafundi yayizezokuvuka kukaYesu. Iintsapho zamaKristu namhlanje zingenelele umgca omde weembaleki ezivakalisa, “isigidimi” esithi, “‘Uvukile,’” njengoko wayetshilo (Mat. 28:7). Ubunyaniso bokuvuka kwaKhe kwenza kube nokukholeleka yonke enye into awayithethayo uYesu ngaYe, ngoThixo nangokuthanda lwaKhe aboni, ngoxolelo, nangokuqiniseka kobomi obungunaphakade ngokholo kuYe.

Ukuba nemvakalelo ngegospile. IsiBhalo siyasirheshisa nje kwimpembelelo etshayelayo ebomini babalandeli bakaYesu bokuqala. Babevula amakhaya abo ukuba kufundwe iBhayibhile; babethandaza batye kunye, besabelana ngemali nezinto, bekhathalelana omnye nomnye. Iintsapho zonke zasamkela isigidimi. Ingaba babengabantu abangenamposiso? Hayi. Ingaba zazikho iimbambano nokungavani phakathi kwabo? Ewe. Sekunjalo, ngandlela ithile, aba balandeli bakaKristu babahlukile. Bakuvuma ukumdinga kwabo uThixo kwakunye nabanye – omnye nomnye. Babubeka phambili ubunye nokuvumelana ekhaya nasebandleni, bezama ukuzalisekisa umthandazo kaYesu waseGetsemane (Yohane 17:20–23). Bangqina omnye komnye nakwabangakholwayo ngesibindi, bebubeka ubomi babo emngciphekweni ngenxa yeenkolo zabo.

Kumele kube njalo nakuthi. Nakwesi sizukulwana, sibulawa ngamehlo sinjalo, ngakwizinto zokuhlonelana uThixo, singabantu abathabatheka yinto basakwazi ukuphulaphulwa. Xa iindaba ezilungileyo zithi zibe zilunge ngokwenene ezintliziyweni zethu njengoko zinjalo eLizwini, ukuthetha kuya kuzenzekela kungathinteleki.

**Zeziphi iinguqu ekungadingeka ukuba zenziwe kolwakho usapho ezinokunceda ukuba lube ngabavakalisi “besigidimi” esibizelwe ukuba sithethe ngaso?**

---

### Ingcamango Eyongeziweyo:

Ellen G. White, “Kwinkundla YaseBhabheli,” pp. 479–490, *kuAbaprofeti NooKumkani*; “Words of Caution,” pp. 324, 329; “No Respect of Persons With God,” pp. 330, 331, in *Gospel Workers*; “Rejoicing in the Lord,” pp. 115–126, in *Steps to Christ*. Akukho kukhetha buso bamntu kuThixo. “Inkolo kaKristu imphakamisela lowo uyamkeleyo kumhlaba ophakamileyo wengcinga nokwenza, lo gama kwangelo xesha ilwenza lonke uhlanga loluntu luzuze uthando lukaThixo, njengoko luthengwe ngokuzincama koNyana waKhe. Ezinyaweni zikaYesu, izityebi namahlwempu, abafundileyo nabangafundanga, bahlangana kunye, kungekho namkhethe okanye ukubaluleka kwasemhlabeni. Konke ukwahlukana kwasemhlabeni kuyalityalwa xa sikhangele kuYe ozono zethu zithe zamhlaba. Ukuzilandula, ukuhla, imfesane engenamda yaLowo owaphakanyiselwa phezulu lizulu, kulibeka phantsi ikratshi lomntu, ukuziphakamisa, nocalucalulo lomphakathi. Inkolo enyulu, engadyobhekanga ibonakalalisa imithetho-siseko ephuma ezulwini ekuziseni kubunye bonke abangwalisiweyo ngenyaniso. Bonke bahlangana beyimiphefumlo ethengwe ngegazi, ngokufanayo behomekeke kuLowo ubahlangulele kuThixo.”—Ellen G. White, *Gospel Workers*, p. 330.

### Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Niyiklasi, xoxani iimpendulo zenu zombuzo wesifundo sangeCawa.
2. Yeyiphi imithetho-siseko esiyifumana kwisicatshulwa sikaEllen G. White esingentla, enokuthi xa isetyenziswa, ibuguqule ubomi beentsapho zethu?
3. Liqhuba kakuhle kangakanani ibandla lenu ekondleni nasekukhuliseni isizukulwana samakholwa esiselula? Ningenza ntoni nina niyiklasi ukunceda ibandla kulo mba ubalulekileyo?
4. Ithini imingeni yokuzama ukudlulisela inkolo kwesinye isizukulwana?
5. Zeziphi iindlela ethi inkcubeko ophila kuyo ibe negalelo lokulungileyo ebomini bosapho lwakho, ezeziphi iindlela ethi ibe negalelo lokubi?